Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO A: ISIHOBE

## VUKANI MADODA KUSILE

## UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**INTLAKOHLAZA – JJ Jolobe**

Ntlakohlaza, siyakubulisa! - Imbongi isebenzise uphawu lwesikhuzo ukubonisa ukuvuyela ukufika kwentlakohlaza. Ikwabonisa nokuyamkela ngokuyibulisa ngogcobo olukhulu. Imbongi isebenzise isimntwiso ukubonakalisa uthando, imincili nokwamkela eli xesha lonyaka.

Uxwebil'uhlininika, umbi - Usebenzise isimntwiso, ukuxweba, ukuhlininika nobubi ukuphuhlisa ukumbatsha komhlaba ngexesha intlakohlaza ibingekafiki kusebusika. Isigama ' ukuxweba' sakha umfanekiso-ntekelelo ozoba indlela elibi ngayo ixesha lasebusika. Igama 'ukuhlininika' linika umfanekiso-ntekelelo womntu okhathazekileyo nofuna ukulila ngenxa yentlungu ethile ukusizobela imeko embi umhlaba ubukuyo nendlela ubusika obuyixhwala ngayo indalo.

Namhla uyancuma, uyahleka - Imbongi isebenzise isimntwiso 'Namhla uyancuma uyahleka,' izama ukuveza, ukuqaqambisa inguqu, ukubonisa ukonwaba nokuvuya komhlaba kwakufika intlakohlaza.

Ubugugile wambeth' amajacu - Imbongi isebenzise isimntwiso esizoba umfanekiso-ntekelelo weliso womntu osele eneminyaka ephila, obonakalisa ukuphelelwa ngamandla nonxibe iimpahla ezidlakadlaka. Oku kuphuhlisa ukuba umhlaba ubumbi uxwebile ujongeka mdala ungahlaziyekanga.

Wawambesa, wanjengomtshakazi - Kulo mqolo imbongi isebenzise isifaniso 'wanjengomtshakazi'. Ubutshakazi bumele ubutsha, ukugqibelela, ukukhangeleka ungenachaphaza nobunyulu ukuphuhlisa ubuhle obuye bakho kwakufika ixesha lentlakohlaza. Umhlaba uye wamhle, wanengca wanazo nezinye iindidi zezityalo.

Ibisozela yonk' into eyindalo - Imbongi ibuye yasebenzisa isimntwiso okanye isihlonipho ukuphuhlisa ububi nokungavuseleleki kwendalo ngelixa ingekafiki intlakohlaza.

Mphaphamisi, uyivuse yonke - Imbongi isebenzise isikweko okanye isimntwiso 'mphaphamisi'. Umphaphamisi ngumntu okuvusa ebuthongweni, okuvuselelayo nokuqaphelisayo xa ungaboni. Oku kuphuhlisa ukuba ukufika kwentlakohlaza kuyayihlaziya yonke indalo. Isimelabizo soquko....... Yakufika intlakohlaza yonk' indalo ithi dlwe, ngumbuyiseli wethemba, imithi iba mbeje-mbeje bubuhle, isandi seenyosi sitsho kamnandi, iintaka zintyiloze, yonke loo nto ibe iphuhlisa ulonwabo.

Yonwabile nayo imifula - Kusetyenziswe isimntwiso ukubonisa ukuhamba kwamanzi emifuleni ngokunga iyavuya kukufika kweli xesha lonyaka. Ukusetyenziswa kwesibandakanyi u-na kuphuhlisa ukubandakanyeka kwemifula kulo moya

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

wochulumanco ubuxhanyulwa yenye indalo. Kaloku ikwalixesha lemvula ibisoloko ingekho, ngoko ke imifula ebiyomile itsho ibe nengxolo yamanzi ahambayo. Imbongi ithi ngolo hlobo ibonakalisa ukonwaba.

Iyadloba ngokwamatakane - Imbongi isebenzise igama ukudloba, isizobela umfanekiso- ntelekelelo weliso, ibe ngathi siyayibona indalo itakataka kukuvuyela ixesha lentlakohlaza. Ikwasebenzise nesifaniso u-ngokwamatakane iphuhlisa ukonwaba kwemifula, oko kutsho ukuhamba kugeleza amanzi kanye ngale ndlela atakataka ngayo amatakane ahluthayo ngexesha lentlakohlaza. Ukudloba kwamatakane kuphuhlisa intlutha nokwaneliseka – oko kuthi oku kudloba sisantya ahamba ngaso amanzi kule mifula.

Ihlokoma, idanduluka isithi - Imbongi isebenzise igama 'ihlokoma' elizoba umfanekiso- ntelekelelo wendlebe ibe ngathi siyayiva loo ngxolo yenziwa yindalo, imifula ivuyela ixesha lentlakohlaza. Ukuhlaziyeka kwendalo, ukuvuya nengxolo yezandi ezenziwa yindalo ngenxa yokufika kwentlakohlaza, imbongi ikuphuhlise oku ngokusebenzisa isimntwiso, 'ihlokoma idanduluka'. La ngxolo nala ntsholo yenziwa yindalo yonke iphela ibonakalisa ukubulela kwayo kukufika kweli xesha lentlankohlaza. Isandi esenziwa kukuzala kwemifula ukuvelisa njengentlokomo ngathi iyabulela ngenxa yokufika kwexesha lentlakohlaza.

**[10]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UVUKANI MADODA KUSILE - ZWV Mzukwa**

2.1 "Ndikhumbul' eNxu-u-ba".√ (1)

2.2 Yimvano-siqalo.√ (1)

2.3 Umqhagi uphila kamnandi kuba usoloko uphakathi kwezikhukukazi.√ / Yonke into okanye umntu wesiduna uva kamnandi xa ephakathi kwabasetyhini.√ / Inkunzi iveza ubani okwinqanaba lokongamela njengendima edlalwa ngumqhagi phakathi kwezikhukukazi, nto leyo enika ulwaneliseko nolonwabo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.4 Imbono yendawo enento eninzi nalapho kungelulanga ukufumana into elahlekileyo, senzo eso sithandwayo lusapho lwakwankukhu ofika luqhwaya into eyaziwa lulo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.5 Kukugxininisa√ / Iphuhlisa isini sale nkunzi√ / Ukuyibonga.√ ukubethelela isandi.√ (1)

2.6 Lusetyenziselwe ukudala isingqisho. (1)

2.7 Ngokusebenzisa umqhagi okhonya emini emnyango ukuhlola ukuza kweendwendwe.√ (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

2.8 Ukucaphuka√ / umsindo√ / ukukhathazeka√/ impoxo√ / indelelo√ /ukudikwa √/ ukukruquka.√/ukuchekrwa.√/ukucunuka.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

2.9 Umqhagi ubalulekile eluntwini kuba uchaza amaxesha.√√ / unendima enkulu oyidlala kwintlalo yoluNtu nosapho lwenkukhu.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)
**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UNKOSANA "THE HAPPYBOY" MGXAJI - NThuthani**

3.1 'Uzitshayel' ezoMzantsi Afrika khucu'√ / Xa igqugqisil'ekhaya .√ (1)

3.2 Sisakhono nendlela ahlasela ngokukhawuleza ngayo√ / Sibonakalisa ukuthontelana kwamanqindi nokuphephaphepha kwakhe ngephanyazo.√ (1)

3.3 Umqolo ngamnye unamagama amahlanu.√ (1)

3.4 Usivezela izimbo azisebenzisayo ezibukekayo nazenza ngokukhawuleza xa esilwa.√√/ Ukubhabhela phezulu kwentambanane ikwayamanisa nendlela alubhekelisa ngayo utshaba lwakhe xa esilwa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

3.5 Ukungoyiki nto nokubalasela okanye ukutshatshela kuloo nto uyenzayo.√√ (2)

3.6 Ubaxo√/ ugqithiso√/ ubabazo√ / unxulumaniso.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.7 Ngumfanekiso-ntekelelo wendlebe.√ / ngumfanekiso-ntekelelo weliso.√ (1)

3.8 Ngumbongo-nkcazo.√ / ngumbongo ochazayo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**IMBONGI YESIZWE, uS.E.K Mqhayi**

4.1 Ngumbuzobuciko√ / isihlonipho√.

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Ukufa kwakhe kuze ngesiquphe√ / kuze kungalindelekanga√ / imbongi yazisa isizwe ngalo mphanga.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.3 UMqhayi ulele phezu kwemisebenzi yakhe emihle neyanelisayo eluntwini.√√ (2)

4.4 Iphethe intshuntshe nomnqayi wokholo√ / ...'uMesiyasi edumisa'.√ / 'Umthiyi-magama akasele emthe jize na'√ / umkhonzi weenkosi akakhonzi eBhotwe na namhla?'

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.5 Ufudukile umphakathi enxuweni elidala.√ (1)

4.6 Imbongi iphuhlisa ukumhlonipha okaMqhayi √√ / imlanda ngokomnombo wakhe emncoma ubungangamsha bakhe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.7 Isakhono sakhe sokubonga salolwa ngumCirha waseMonti√ / wakhuliswa ngumCirha√ / waxonxwa ngumCirha√ / waqeqeshwa ngumCirha.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.8 Ngumfanekiso- ntlelekelelo. √ (1)

**[10]**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

**INDLALA INAMANYALA - N Vaphi**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Kwistanza soku-1**

- Kwesi sitanza imbongi isebenzise 'ukwangorhatya lwemivundla' ukuphuhlisa ukuba la manyala enziwa yindlala ebeqhubeka xa kuqala ukurhatyela.
- Usebenzise isigama 'ulozi-lozi' womlilo, imbongi iphuhlisa ukuba kwakukho umlilwana. Ulozi-lozi ukwaphuhlisa ukuba lo mlilo ucekeceke kunzima kunqabe kwale yokubasa into.

**Kwistanza sesi-2**

- Isigama - '...iqhashumbile intlantsi yee nca'- imbongi iphuhlisa indlela eyatsiba, yataka ngayo intlantsi. Sikwazoba umfanekiso-ntelekelelo wento ebuhlungu oyiva esikhumbeni ibangele umothuko. Isifanekisozwi 'yee nca'- siphuhlisa indlela eyahlala ngayo le ntlantsi emntwaneni, okanye ukuncamathela kwentlantsi.
- Isaci '...ukukhatywa yinkawu'- siphuhlisa ukuba usana lwalulaliswa kukulamba okanye yindlala.

**Kwistanza sesi-3**

- Isaci 'umkhosi usidla amahashe' siphuhlisa ukuqatsela kwendlala eyayigqubа ngelo xesha.
- 'Umhlaba uluqweqwe lomqwebedu'- esi sigama siveza indlela owawumbatshe ngayo umhlaba ngenxa yembalela, imimoya neengqele zasebusika. Umhlaba awuvelisi nto ekwabethelela olu luvo lwendlala.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**Kwistanza sesi-4**

- Igama '... isirhogolo...' liphuhlisa ivumba lokutsha kakhulu kokutya nangona umlilo wawungacacanga okanye umncinci. Isirhogolo sikwaveza umfanekiso-ntelekelelo wevumba lokutya okutshe kakhulu.
- "Yakhothuluza ngomnwe yasa emlonyeni"- esi sigama siphuhlisa indlela indlezana eyathi yalikhotha ngayo iphini yalitsho lacoceka akwasala kwanto kulo ekukutya.

**Kwistanza sesi-5**

- Isifanekisozwi 'yathi xhwii'- siphuhlisa indlela indoda eyalithatha kakubi ngayo iphini emfazini wayo phambi kokuba ibonde ngokwayo, esi senzo sikhulisa lo mxholo wokuba xa ulamba ungenza nantoni na.

**Kwistanza sesi-6**

- Isigama '...utakile umfazi, wayithi xhakamfu'- esi sigama siphuhlisa indlela ekhawulezileyo negadalala awatsiba ngayo umfazi nendlela embi okanye engenasimilo awayibamba ngayo indoda kuba efuna iphini.

**[10]**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INDLALA INAMANYALA N Vaphi**

6.1 Xa kuqala ukuba mnyama√ / ukutshona kwelanga.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

6.2 Sizotyelwa umfanekiso-ngqondweni wembiza egqibe iziko lonke√ sizoba umfanekiso-ngqondweni wembiza enkulu ezinze phezu kwamalahle.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

6.3 Wayelaliswe kukuba wayelambe kakhulu√ / wayelaliswe yindlala /liphango.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

6.4 Sisibaxo√ / ubabazo√ / ugqithiso√

(Nayiphi na kwezi) (1)

6.5 Isirhogolo livumba lokutsha kokutya.√ (1)

6.6 Umhlathi wesi-3 amagama mathathu kwimigca.
Kumhlathi wesi-4, amagama mahlanu kwimigca emibini yokuqala, abe mathandathu kumqolo we-15 aze abe sixhenxe kumqolo we-16.√√ / Imiqolo yesitanza sesi-3 mifutshane kanti eyesitanza sesi-4 mide.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

6.7 Avuselela ingcinga yokuba kuyaliwa, kubi ngenxa yendlala.√/ Avuselela ingcinga yokuba akukho mvisiswano.√ / Avuselela ingcinga yokuba akukho xolo.√ / Avuselela ingcinga yokuba akonwatywanga.√ / Avuselela ingcinga yokuba akukho thando phakathi kosapho.√ / Avuselela ingcinga yokuzicingela wedwa.√ / Avuselela ukunyhashwa kwamalungelo abantwana, abazali batya bodwa.

(Nayiphi na kwezi) (1)

6.8 Ngenxa yendlala ungenza nantoni √√ /
Ngenxa yendlala uphelelwa ziintloni.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO B: INOVELI**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! - WK Tamsanqa**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- OkaJafta uthi "isigqebelo sisafobe esithi xa bekufanele ukuba isenzo siphume kwinkalo ethile suke sibheke kwindawo echaseneyo naleyo besicwangciselwe yona. Sisetyenziselwa ukudala impoxo nokuhlekisa ngobudenge bomntu okanye ukudala intlekele."
- Indlela eliphele ngayo eli bali liphume apho bekungalindelekanga khona.
- Lo mlinganiswa unguThole simbona efika eZazulwana sele enguchwenene womfundisi, ubomi bakhe ubuqale kwesi sikolo engumqhiqhibelana weqaba elingaxeli nokuba kuyasa.
- Le mpumelelo yakhe ingaka ebomini ibingalindelekanga kuba ebeyinkwenkwana ekhula ngaphandle koyise, ekhulela kwaFikizolo, mzi lowo babengahlobenanga nokuhlobana nawo.
- Ukuze uThole abe ufikelele kweli nqanaba akulo, ibe yimigudu namahla-ndinyuka.
- Ubomi bakhe ubuqala ngendlela engathembisiyo kuba uthe emva kokungafuni sikolo waphala elizweni engenasizinzo.
- Xa efika evela eRhawutini udibana nabahlobo bakhe abangamatshivela, uThemba noSonwabo, abazinikele kubomi bokuzibhubhisa, agqithele eBhayi engagodukanga.
- Uzibone sele eseBhayi uThole engazazi nokuba uye njani khona, naba bahlobo bakhe abamniki mkhondo xa ebuza ukuba ufike njani.
- Ngelokuzinikela kwelo zwe laseBhayi, uThole uzama ukuzakhela ubomi ngokuzifunela umsebenzi.
- Uye athandane noNomsa adibene naye edolophini nathe wazibona selesengxakini yokuphantsa ukubulawa ngenxa yomgulukudu abethandana nawo uNomsa.
- Ekwenzeni kwakhe isigqibo sakhe sokugoduka, uphindela ezandleni zala matshivela angabahlobo bakhe nabebenze iyelenqe ngaye, elithe lajikela kwabona.
- Ngokungalindelekanga yena uyasinda kwingozi yokuqwengwa ziingonyama kumahlathi aseKnysna asel'ezakhela ubomi kweloo zwe.
- Uthi xa efika eKnysna azenze igqirha, nobomi bumvume. Akukho mntu ebenokulindela le mpumelelo ingaka kuThole selephila obu bomi.
- Iimeko zamaphupha angamonwabisiyo zimnyanzelisa ukuba alishiye elaseKnysna, agoduke.
- Uthi nangoku selegodukile kungabikho mntu unathemba lokuba angaze

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

aphinde afunde kuba sele mdala kwaye namahlandinyuka ahlangene nawo ebomini enza ukuba angacingelwa ukuba angangugqirha.

- Uthi xa uyise uFikizolo emcebisa ukuba athathe umfazi ale, ngelithi ufuna ukubuyela esikolweni.
- Uyise wothuswe yinto yokufuna kwakhe ukubuyela esikolweni kuba ebengamthembanga, ade abe namazwi athi, uya kuthemba xa efumana incwadi evela kuye eDikeni esikolweni.
- Bekungalindelekanga ukuba uThole angade afikelele kulo mgangatho wemfundo kuba ebeselebethwe lilizwe, emdala engenayo nemali eyaneleyo yokuya kula maziko anyathele kuwo emfundo.
- UThole wenziwe wakrelekrele kakhulu ngoku ebuyela esikolweni. Uzotywe waneziphiwo ezimqaqambise wade wabonwa, waqapheleka nakuthathatha.
- Zezi ziphiwo ezimhlahlele esi siphelo sakhe singalindelekanga.
- Wenziwa umphathi wamakhwenkwe akufika esinaleni.
- UThole uqaqambe wade wafumana imbasa nesipho-nkxaso mali ngenxa yokubalasela kwakhe.
- Unikwa uxanduva lokujongana neenkonzo zabafundi ngumfundisi uShepherd ade enziwe nosihlalo weS.C.A.
- UThole uhlangana nomfundisi uMaqoma aze amsondeze kuye.
- Uthi esengumfundi osesikolweni amele iYunivesithi kukhuphiswano lweengxoxo-mpikiswano. Waqaqamba kolo khuphiswano waqatshelwa waza wafumana nemali-nkxaso nethuba lokuya phesheya kwangale ngxoxo-mpikiswano.
- Wonyulwa ukuba aye kwingqungquthela eNgilane kwingxoxo-mpikiswano.
- Nalapho eNgilane umbhali umenze waqaqamba kwezo ngxoxo-mpikiswano ukuze akwazi ukuwongwa ngemali-nkxaso yokufunda kwelo laseNgilane.
- Ayikhange ilindeleke into yokuba uThole obe sele ngene eziyolweni nasezindywaleni angangumfundisi oweyisa iingxaki zaseGeorge Goch, indawo edume ngokweyelisela abefundisi kwiziyolo notywala, indawo ebingayifuni inkonzo.
- Ukutshata kwakhe noThozama kube negalelo ekutshintsheni kobomi bakhe.
- Kwimpumelelo yakhe eGeorge Goch udibana noyise ubaw'uMkwayi engalindelanga. Oku kudibana kwakhe noyise kumenze wagqibelela ebomini bakhe njengethol' iduna.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka)

**[25]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! - WK Tamsanqa**

8.1 '...eyibophe yancinci eyakhe'.√ (1)

8.2 Bubomi obabungamyolelanga kwelo laseBhayi√ / wasinda ekugetyengweni nguJoe neqela lakhe√/ wasinda ekufeni√ / kukoyika ukuphinda ukubethwa ngootsotsi√.

(Nayiphi na kwezi) (1)

8.3 Wayengasafuni kwanto eza kuphinda imdibanise nooThemba√√/ wayekruqukile ngooThemba.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.4 Umyalezo wokuba uThemba nomqhubi badibana bathetha ngoThole.√√ (2)

8.5 Wayesenzela ukuba uThole angamva kuba liza kudula icebo labo.√√ (2)

8.6 C.√ / ungumlinganiswa onguvalithuba.√ / C. ungumlinganiswa onguvalithuba.√ (1)

8.7 Likwinqanaba loyondelelwano lwezinto√/ likwinqanaba lokujiya kwezinto√/ likwinqanaba lokunaba kwebali√ kuba izithole zempixano ebeziqalisa ngokuntshula kwingabula-zigcawu ziyakhula ngamandla.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.8 UThole wayecinga yaye ezimisele ukuba uyagoduka kanti uza kuya kuwa eKnysna engacingelanga.√√ / OoThemba iyelenqe ababelenzela uThole laphetha libajikela.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.9 Inkolo yesintu imenze wakwazi ukuphila eKnysna .√√ Inkolo yobuKrestu yona ibe negalelo ekumtshutshiseni ukuba agoduke.√√ (4)

8.10 Yingoma nekhodiyane eyayikhaliswa nguThole.√ /Ukulangazelelwa kwelizwi leNkosi√ / iintshumayelo√ / umtsalane womculo wekhodiyane√

(Nayiphi na kwezi) (1)

8.11 Iingcambu zenkolo yobuKrestu kuThole zatyalwa ngumfundisi uMaqoma nomfundisi uSheperd ukuze abe ngulo mfundisi anguye√/ bamkhuthaza ukuba alandele ikhondo lakwaLizwi eli wayelinqwenela√ / bamnika amathuba okuzibonakalisa√/ bamfunela imali waza wafundiswa yicawa.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

8.12 Usebenzise abantu abaphathela ubaw'uMkwayi iindaba zomfundisi omtsha oneentshumayelo ezakhayo okwafana naye ubaw'uMkwayi.√√ / Usebenzise ukugula kukabaw'uMkwayi othe wahoywa nguThozama, Thozama lowo othe wabona iimpawu ezifana twatse nezo zikuThole √√ / Usebenzise kwa uThole ngesakhono sakhe ekushumayeleni. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.13 Kwakuphilwa ubomi bokuzitshabalalisa.√√ / Uninzi lwabantu lwalungakholwa kwilizwi likaThixo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.14 Ewe kuba satshintsha isimo sentlalo saseGeorge Goch√√ / Kwaye kwakho isakhiwo senkonzo√√ / Kwaguquka abantu abaninzi.√√ / Kwehla izinga lokuselwa kotywala√√ / Waziwa uThixo kule ndawo.√√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)
**[25]**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- OkaJafta uthi "isigqebelo sisafobe esithi xa bekufanele ukuba isenzo siphume kwinkalo ethile suke sibheke kwindawo echaseneyo naleyo besicwangciselwe yona. Sisetyenziselwa ukudala impoxo nokuhlekisa ngobudenge bomntu okanye ukudala intlekele."
- Abantsundu nabamhlophe babeyinyoka nesele kusilwelwa amalungelo abantu abamnyama phantsi kwesandla esilushica samabhulu.
- Zanqoza amatyeli amaninzi, abamhlophe de basebenzise abamnyama ukuba bathengise abanye.
- Bawasebenzisa amandla abo okulawula, iingcango zothethathethwano nokubonisana zazivaliwe kungekho apho abantu banokulilela khona.
- Babhenela kuqhankqalazo abantu abamnyama wabanjwa umntu, wabulawa umntu, wabhaca umntu lingekho ithemba lokugob' uphondo kurhulumente wamabhulu.
- Ezoqoqosho, ezentlalo nezopolitiko zachaphazeleka yangusaka bhe.
- Abamhlophe babaphatha ngolunya abantu abamnyama bebabulala ngokungenalusini, bebageca ngokungathi 'yirhengqe inqunqa iindiza, ibubutyadidi begazi ngokunga yimijelo enkcenkcezayo, elo iligazi leentsana, lamadoda neleentokazi ezigqithe zingayolelanga.
- Umfundisi uHlathi ngexesha eseluvalelweni waqatywa ngepolishi emnyama kusithiwa ugeziswa kukuba neenwele zabantu bebala loo nto ibonisa ukungcungcuthekiswa kwabantu bephethwe okwezilwanyana.
- Kumahlandinyuka kaMfazwe, usinda ekubulaweni kwaQaka, asinde ekubanjweni esiya eMgazi, ukusinda emapoliseni endleleni eya eMthontsi, ekuqubisaneni namavukela-mbuso, esiya kubulawa nakwinqwelo eyatsha nabantu, kukhokelele kwiinguqu ebezingalindelekanga ezathi zenzeka.
- Ukusetyenziswa kwabamnyama abafana nooNdlela, Friday nooNtsipho kwakunganiki siqabu sokuba izinto zinokuphela ziyile nto ziyiyo namhlanje njengoko iintshukumo zoluntu zaziphantsi kweliso elibukhali leempimpi zabamhlophe.
- Kwenziwe urhalirhali ngabamhlophe bejika iingqondo zabazabalazi ukuba babe ziimpimpi nokusingela phantsi umzabalazo. Eli nqatha lijingisiwe nakuMfazwe walikhaba ngawo omane.
- Izinja zamabhulu zimgqwalisile uMfazwe eluntwini lakwaQaka ngelithi naye uyimpimpi watsho wanuka umzondo engafunwa nangosebeleni.
- Isiganeko saseholweni siyiveze ngokucacileyo intiyo yabantu bakwaQaka kuMfazwe, loo nto yamenza ikheswa elihamba ngamathunzi obumnyama.
- Izinto zibe butshintsha emva komngcwabo kaMachule ngenxa yobuqhawe abubonakalisileyo kodwa utshaba lona lwathi nca emva kwakhe.
- Isiganeko sokuzama ukunceda abantu ababekwiCresida senze into yokuba kufikelelwe kwisigqibo sokuba idabi lomzabalazo makalilwe esuka ngaphandle, wabhaca.
- Abantu babengenamhlaba uphangaleleyo wokuba bakhethe izifundo ababezithanda ngaphandle kokunyanzelwa ukuba babe ngootitshala, amapolisa, oonesi nokuba ngoomabhalane. UMfazwe wayeneminqweno yokuba ngugqirha.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Wawumkhulu umsantsa phakathi kwabantwana babamhlophe nabamnyama ngokwezinga lemfundo. Imfundo yabamhlophe nabamnyama yayingalingani ngafani.
- Ukudlala komntwana womntu omnyama nowomlungu yinto engazange yacingwa ukuba inokwenzeka.
- Liphupha elingazange liphutshwe ngabamhlophe ukuba abantwana babo bangaba nobuhlobo bobuphilileyo, bafunde sikolweni sinye besenza izifundo ezifanayo babhale neemviwo ezifanayo njengoko kusenzeka ngoku.
- Abantu babehlaliswa ngokobuhlanga, abamnyama behlala ezilokishini ngelixa abamhlophe babehlala qelele edolophini bodwa. Ibali likaMfazwe livulwa ngoMfazwe sele engummelwane kaMeva ongumlungu nto leyo ingazange yalindeleka.
- Ukufunda kwabantu ngokunga abekho kumzabalazo babuya nezidanga ezahlukileyo benze izifundo ababezikhethele zona, uSiphiwo wafundela ubufundisi, uMfazwe wabuya eligqwetha ngoncedo lweZizwe eziManyeneyo. Akukho bani wakhe wayiphupha into yokuba ithemba labamhlophe uFriday ityala lakhe lingaze lichotshelwe ligwetywe nguMfazwe.
- KuMfazwe buqu yayiliphupha into yokokuba abuye ephila njengoko abaninzi bawa endleleni yomzabalazo. Mve xa wayesithi kuNdima “wazi mhlophe ukuba andizi kubuya ndiza kufela ehlathini njengabanye.” Le nyani yangqinwa nangumzingeli awathi wadibana naye kwindlela eya eThongo.
- Ubuya sele enalo nelinye igama asele ebizwa ngalo, uSiqhwala. Endleleni eya eMgazi ngelokubhida amapolisa ukhe wazenza isiqhwala engazange ebomini wacinga ukuba angaba sisiqhwala.
- UMfazwe waba nentiyo ngakuZo ngenxa yobudlelwane awayebucingela phakathi kwakhe noFriday. Yanuka umzondo yonke into enoZo phakathi akafunda neencwadi awayembhalela zona kanti uzivimba ulwazi lokokuba wayethandwa, exhaswa kwaye engenanto yakwenza noFriday. Xa ebuya wothuka waphants’ukufa akufumanisa into yokuba uZo wamzalela ithole leduna, unyana ukutsho.
- Ekubuyeni ekudingisweni lwathi lwaqala uthethwathethwano. Indibano zezopolitiko ezazigatywa zavumeleka.
- Iimpimpi ezinjengooFriday nazo zaba namaqela azo opolitiko ngokunge ngathi nazo zaba negalelo ekulweleni inkululeko.
- Akukho nalinye ibhulu elalikhe laphupha into yokuba umsinga womzabalazo wabantsundu ungamqethula urhulumente wengcinezelo.
- UMfazwe naye ngeliya xesha asendleleni eya eMgazi xa wayesithi ndiyokuzixhobisa ukwenzela ukuba amadatyana ooFriday ndiwathi qhwi ngephanyazo.
- Ayizange ifike engqondweni yakhe into yokuba ngenene nangenyaniso uza kufunda, axhotyiswe ziZizwe eziManyeneyo zimnike ulwazi aza kulusebenzisa ekuphuculeni iimeko zokuhlala ekhayeni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa)

**[25]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UKHOZI OLUMAPHIKO - N Saule**

10.1 'Anqaba ukuphuma emlonyeni amazwi'.√ (1)

10.2 Usityhilela ukuba kwakungemnandanga kwaQaka.√ / Usityhilela ukuba abantu babengazolanga kukubi√ / Wavakalelwa umzi baqhankqalaza.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.3 Uzotywe wangumlinganiswa othetha ngqo ongafihliyo.√ / ongagwegweleziyo√ / ongahlebiyo√/ akathengi buso unomqolo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

10.4 Umfazwe wayengengongcothoza. Esikolweni wayedla ngokurhabulisa abafundi nootitshala ngezopolitiko.√√ / Akuba ebanjiwe ununuswa ngenqatha ukuba avume ubumpimpi, ukukhaba ngawo omane oko kuba engafuni kuthengisa abantu bakokwabo.√√ / Eziseleni uva kumbokrwa uKK ukulwa oku ngokuthumela iimbumbulu zezithuko.√√ (2)

10.5 Isityhilela ukungazoli komzi wakwaQaka ngenxa yemeko yezopolitiko eyayisenzeka kwaQaka√√ / Kwakukubi abantu bephatheke kakubi ngamapolisa.√√ (2)

10.6 Yeyokutshiswa kwendlu yakowabo.√ (1)

10.7 Ngumyalezo wokuba amapolisa ngabantu abangenanceba nabakhohlakeleyo.√√ / Ngumyalezo wokuba amapolisa ngabantu abangqwabalala xa besenza umsebenzi wabo.√√ / Ngabantu ekwakufunzwa ngabo ebantwini bengenakuphikiswa.√√/Ngumyalezo wokungafunwa kwamapolisa kule ngingqi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

10.8 Imfundo yachaphazeleka kuba izikolo zatshiswa zavalwa.√ / Uqhankqalazo yabubomi bemihla ngemihla.√ / Abantwana baphuncukelwa zizimilo.√ / Kwakhula ukungathembani eluntwini kuba bekrokrela ukuba abanye bangoongcothoza.√ / Abantu babulawa ngamapolisa.√ / Yadala umsantsa neyantlukwano phakathi kwabantu bakwaQaka.√

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

10.9 Ukuyondelelana kwebali.√ / ukujiya kwebali.√

(Nayiphi na kwezi) (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

10.10 UMfazwe uzazi engumlweli wamalungelo abantu kodwa uzibhaqa sele ekrokrelwa ngubaw' uGaba ukuba ungungcothoza√√ / ukufika umzi wakowabo utshe uluthuthu sisenzo awayengazange asiphuphe uMfazwe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

10.11 Babezazi iintlanganiso nokuqhubeka kuzo benikwa ulwazi nguFriday namahlakane akhe.√√ /Eluvalelweni uMfazwe uxelelwe ukuba angaphila impilo entle afane nooFriday xa enokuvuma ukuba ngungcothoza.√√/ Emini ooFriday namahlakani akhe bazenza iinkokheli zabantu, ebusuku baphethe imipu yokutshabalalisa umsinga womzabalazo wabantu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

10.12 UMfazwe lwafihleka kuye ulwazi lokuba uNokuzola usamthanda √√ / UNokuzola akananto yakwenza noFriday √√ / UNokuzola uthwele umntwana wakhe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

10.13 Eholweni uMfazwe ufika uFriday ejikelise isandla kuNokuzola.√√ (2)

10.14 Ukuzithemba√√ / Ukungazoyikiseli√√/ UMfazwe akoyiki nto kuba uyazazi ukuba ukhuselekile.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

10.15 Wenze ukuba sibambe amazinyo ukufika kukaFriday namahlakane akhe kwabaw' uGaba bexhobe befohlele, uMfazwe ekwakulo mzi.√√/ Ukungaxhobi kukaMfazwe ejongene nabantu abaxhobileyo kuko okubangela unxunguphalo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO C: IDRAMA**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)**

**AMAZA - ZS Qangule**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Yinyaniso ukuba abalinganiswa abathile baguquke izimilo zabo ngenxa yokutshintsha kwamaxesha nokudlelelelwa kwabo ekuxhamleni amalungelo abo. Oku kuthe kwaneziphumo ezibi kulo mdlalo.
- UDanile wendisela uNamhla kuSidima njengoko yayiluxanduva lwakhe ukwenza oko njengomzali.Oku uNamhla ukukhaba ngawo omane ngenxa yexesha aphila kulo.
- Kuye oku kubonakalisa ukuba ulivinjiwe ilungelo lokuzikhethela umntu anqwenela ukwabelana naye ngobomi.
- UNamhla ubonakalisa ukuwuchasa lo mtshato ngokuthi abe nomsindo, ukunxunguphala kwanokuxheleka emoyeni. Oku ukuphuhlisa ngeentetho nangezenzo zakhe.
- Ubonakala engqunga endlwini yakhe yokulala kokwabo, uthi esemnyango abe esefesitileni. Mve xa athi, "Yena lo vunxu usisizothezothe!
  Ngahle uphele loo mtshatwana iluthuthu.
  Esona sambatho sobukhoka sesi!" (Nezinye iintetho ezibonisa ukukhathazeka azisebenzisileyo)
- ULizo ufika entangeni kaNamhla kwaDanile amfake umsesane ukubonisa ukuba uyamthanda ekwambanga ukuba ngowakhe nangona kokwabo enyanzeliswa ngoSidima. Kucaca mhlophe ukuba uNamhla yena uzithandela uLizo Vaxa.
- Ngokwenkcubeko yethu kulindeleke ukuba intombi esele ilotyolwa ichule ukunyathela kuba ngumfazi wamaThile lowo. Sibona uNamhla evulela entangeni ndoda yimbi de wabhaqwa emhokamhokana nayo. Esi senzo sibonisa ukulwa nokunyhashwa kwelungelo lakhe lokuzikhethela umntu amthandayo.
- UDanile uyavutha ngumsindo kuba ebona uNamhla noLizo bethandana entangeni kaNamhla. Esi senzo sibonakalisa ukunyhashwa kwelungelo lakhe njengomzali owendisayo nosabambelele kumasiko nezithethe zakwaNtu.
- Uthi akungaboni ngasonye noNamhla uDanile abhenele kumaBhele ngokubanzi ngethemba lokubuyisela ilungelo nesidima sakhe sobuzali. Idale umnqa into yokuba amaBhele angaboni ngasonye kulo mba wambi exhasa uNamhla ekunyhasheni ilungelo likaDanile. Oku kwenziwa kukutshintsha kwamaxesha.
- Ukungawufuni kwakhe uNamhla lo mtshato ukubonakalisa nangethuba sele etshatiswe ngenkani noSidima. Oku ukubonisa ngeentetho zakhe kuSidima ngobusuku ekwakuza kusa ebuyela eRhawutini uSidima. Mve xa athi, "Ngelingagwegweleziyo, nangantyuntyiyo ndithi ndikhulule, ndilibale".
- USidima naye ube lixhoba lokutshintsha kwamaxesha ngokubonelwa umfazi.
- UNamhla uthandana phandle noLizo, akabakhathalelanga abantu bomzi wakhe ngakumbi uninazala uMaNdaba.
- Ukhaba ngawo omane kwakuthethwa ngesiko lokungenwa kuba ebhujelwe yindoda. Le nto imenza uNamhla abonakale njengomlinganiswa ongenambeko ngokwendlela athetha ngayo nabantu bomzi wakhe.
- UNamhla njengomntu weli xesha akakhange ayizilele ngendlela eyiyo indoda yakhe.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Akayamkeli kwaphela into yokungenwa ngomnye wabantakwabomyeni.
- Nalo mba wokungenwa uyibeka elubala into yokutshintsha kwamaxesha, oku kubonakala kwindlela uNamhla athetha ngayo nabantu bomzi wakhe.
- Akayeki ukuthandana noLizo ngoku kanye azilileyo de alebele ngokuthi akhulelwe esemzini.
- Zonke ezi ziganeko zingentla kwelinye icala zibonisa ukuphucwa kukaMaNdaba uxanduva lwakhe lokuba nguninazala kaNamhla.
- Kwelinye icala uLizo naye ubonelwa umfazi ngokwenkcubeko okanye isithethe sakwaNtu ngabazali bakhe, oku akakuginyi kwaphela njengoko ephila kula maxesha, ufuna intombi esenyongweni kuye uNamhla. Oku kubonelwa kudala intiyo netyheneba ngakuZodwa umkakhe. ULizo ubona uZodwa njengomntu olivila nolixelegu. Emva koko umnika uphuma-phele emzini wakhe.
- Akuba egxothiwe uZodwa uya eRhawutini nto leyo eyabangela ukuba uLizo amlandele ukuze afike amdubule kunye noSidima.
- Sekunjenje nje kwelinye icala uZodwa Zazile naye wendiselwa kuLizo kuba ekhulelwe nto leyo nayo ebonakalisa ukutshintsha kwamaxesha.
- ULizo ubuyela kuNamhla ongumfazi kaSidima kwaye ebonakalisa phandle ukuba bayathandana.
- Akaboyiki abantu bomzi kaNamhla kuba uthetha unothanda kubo, akazihoyi iintetho abazenzayo nto leyo ekwabonisa ukutshintsha kwamaxesha koko ulwela ilungelo lakhe lokuzikhethela umfazi amthandayo nelithe lanyhashwa.
- Baxolele ukujinga iliso benoNamhla kunokuba bayeke ukuthandana. Yiloo nto ebangela ukuba nokuba sele bebhaqwe ngabantu abadala bangadani basuke baphendulane nabo ngokungekho similweni.
- Kuyo yonke le nto yenziwa sesi sibini akukho uyibona ingafanelekanga koko benza nantoni na ekholisa iintliziyo zabo.
- Oku kutshintsha kwamaxesha kube ngunozala wokusweleka kwabalinganiswa abathile bengenatyala abafana noZodwa waseBhayi noSidima ngabula bona kodwa ene neni inguDuma iwele likaSidima.
- Nangona bezame kangangoko ukulwela amalungelo abo okuzikhethela abawavinjiweyo uNamhla noLizo abazange bade batshate ngokusesikweni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa)

**[25]**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**AMAZA - ZS Qangule**

12.1 Usentangeni yakhe kowabo.√/ kwaDanile.√/ egumbini lakhe.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

12.2 "...ngathi yeyamajoyini".√ (1)

12.3 Kuthethwa ukuba akayonwabelanga into yokuzalwa ngabantu ababomvu√ / abangafundanga.√ / Utshatiswa ngenkani nomntu ongamthandiyo.√ / Sibonakalisa ukuqalekisa abazali bakhe√ / ukubajongela phantsi√ / ukungabakhathaleli.√

(Nayiphi na kwezi) (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

12.4 Ndiyangqina ukuba uphethwe njengenkedama√ / Unyanzelwa ngomtshato angawufuniyo abazali benomdla wokufuna ikhazi.√

OKANYE

Andingqini√ kuba lisiko nesithethe samandulo sakwaNtu ukubonelwa kwentombi.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

12.5 Ivuselela ingcinga yokuba wayengawufuni umtshato wakhe noSidima.√√ / Ivuselela ukuba wayenomsindo kuba engawufuni umtshato awayenyanzelwa ngawo ngabazali bakhe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

12.6 Sisiyolisi kuba kutyhileka izinto uNamhla ufumana unina omzalayo, uMalimakhwe √√ / Abo bekucingelwa ukuba baswelekile basaphila (uSidima noZodwa).√√ / Yintlekele - ULizo uyabanjwa√√, kukhutshelwana kukhonjwane ngemipu. √√ / Yintlekele-siyolisi kuba kutyhileka izinto uNamhla ufumana unina omzalayo, uMalimakhwe. √√ / abo bekucingelwa ukuba baswelekile basaphila (uSidima noZodwa).√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

12.7 A.√ / Inqanaba lengabula-zigcawu.√ / A. Inqanaba lengabula-zigcawu.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

12.8 Njengomlinganiswa ohambela yonke imizi ngeenjongo zokuhambisa ulwimi√√ / Njengomlinganiswa ohambela yonke imizi ethetha iindaba.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

12.9 Buchaphazeleke ngokuthi amaBhele aqhekeke kubini, izifundiswa zixhasa uNamhla amaqaba axhasa uDanile.√√ (2)

12.10 Ndiyawuxhasa kuba ngumtshato osekwe ngabazali ngokwenkcubeko yethu √√

OKANYE

Ndiyawugxeka kuba awusekwangwa phezu kothando koko unyanzelwe yiyo naloo nto ungaphumelelanga.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)

12.11 Umxholo wale ncwadi ungowokubonelwa kweentombi nokuhlolelwa kwabafana. UNamhla yintombi ephila kumaxesha okhanyo ngoko ke akahambisani nesi sithethe.√√ (2)

12.12 UNodabephi akanandawo isisigxina ahlala kuyo kuba kufuneka apha ebalini ezazile iindaba zala makhaya onke.√√ (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

12.13 Bobabini batshate nabayeni abangabathandiyo.√ / Bobabini abanyanisekanga emitshatweni yabo.√ / Bobabini baphethe bengahlali nabayeni babo behlala nabantu abathandana nabo.√ / bobabini abonwabanga kule mitshato yabo. √ / bobabini banabantwana bangaphandle emitshatweni.√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

12.14 Isixelela ukuba usentangeni kaNamhla ngokungekho mthethweni kwaye unexhala.√ (1)

12.15 Umfundisi uZazile usebenzisa umbulali 'kaSidima' onguLizo ukuba afunde iBhayibhile.√√ (2)

**[25]**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Yinyaniso ukuba abalinganiswa abathile badlelelelwe ekuxhamleni amalungelo abo. Oku kuthe kwaneziphumo ezibi kulo mdlalo.
- Ilungelo lokuba ngumnini-mhlaba abantsundu baliphuciwe ngamadlagusha ngondlela mnyama kuba simva uMaqoma ekhathazwa kukubakude kwabo namangcwaba ooyise kuba basuswa kuloo mihlaba ngenkani.
- USomerset wenza inquleqhu yokufuna ukususa uMaqoma kumhlaba akuwo.
- Le mihlaba ooFiliphu bebeyifumana ngokuthi bathi bacelela ukwakha icawa, bafuna indawo yokubeka abantu abaguqukileyo.
- Oku kubiwa kwemihlaba nemfuyo kudale iimfazwe, uMaqoma uyalela abavunduzi baye kulanda iinkomo ezibiwe ngamadlagusha ngobusuku batshabalalisa kuloo mizi babesiba kuwo. UMaqoma uyalela ukuba balwe xa behlaselwa.
- UMaqoma ulwela amalungelo akowabo xa esithi, "uthi mandicimele na ndibe ngathi andiboni xa umhlaba wakowethu utyiwa ndihleli?", " Uthi mandivale amehlo na xa amaphece eenkabi zakowethu esihla ngeentlambo?" "Uthi mandibe kobentlombe na xa amasiko isithethe nesintu sakowethu sibhunyulwa kuthi? Nakanye…."
- Kwakhutshwa umthetho yirhuluneli wokuphelisa amakhoboka, uSomerset ube bukrikriza ngulo mthetho esithi ucinga iinzima abaza kuziva xa ekhululwe amakhoboka, ucinga nemisebenzi eyenziwa ngala makhoboka.
- UKondile yena ucela umhlaba wokwakha indlu yecawa nesikolo sokufunda nokubhala ibhayibhile.
- USomerset ujongela phantsi ulawulo lwabamnyama xa engayiboni into yokuba uMaqoma achophele ityala lomBrithane.
- UFiliphu usingela phantsi inkcubeko yabamnyama ngelithi yintlalo yokuzibhubhisa.
- Abafazi abaguqukileyo abafana nooMamCirha abasasili emizini yabo abaqabi naxa kusiyiwa emidudweni. Abefundisi loo nto bayibona njengobuhedeni.
- Abafazi baguqulwa amagama banikwa awobuKrestu umz. Inkosikazi kabaw'Mntlane enguNowayini bamthiye igama lokuba nguMary.
- Ukusingelwa phantsi kwenkcubeko yabantsundu ngabamhlophe kubangele ukuba abafazi bangawahloniphi amadoda abo nemizi yabo.
- URufus simbona efaka isimangalo kuSomerset esithi ubalekwe likhoboka lakhe uToli elimbele izinto ezininzi eberhweba ngazo waze wathi akumfumana wamtywatyusha ngokungena lusini nto leyo engamkelekanga ngokwamalungelo oluntu.
- Ungumrhwebi ongakhathalele nto yimbi ngaphandle kokuqhatha abantu abathengisele izinto ezimbi nezingenaxabiso, umzekelo: izinto ezikhazimlayo ezifana namacici, iibhengile nempahla enxitywayo.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- URufus usoloko ecingela isiqu sakhe kuphela, engamkhathalelanga omnye umntu kuba uthi ehleli nje abe abantu ebaqhatha ebathengisela le mpahla ayithengisayo, ayikho enye into ayikhathalele ngaphezu kwenzuzo engenela isiqu sakhe. Yonke into uyithatha lula kuba simva esithi xa efile ke ngoku uBawana makuxelelwe zonke iinkosi ukuba mnye umntu onelungelo lokuphatha nokwavunyiweyo sisizwe kwindawo yale nkosi nguQuka.
- UFiliphu uthi xa embuza uRufus ukuba uwahlawule malini na la madoda ebemsebenzela afumanise ukuba ebengawahlawuli koko ebawanika ukutya neempahla njengoko athi yayizizigqibo zabo ezo.
- Kulapho uFiliphu asuke wamxelela eziqhitsini ukuba makathi esiya kula madoda ebawasebenzisa abe selungise imali yawo yokuwahlawula ngazo zonke ezi ntsuku ebemsebenzela.
- Utsho esithi ukususela ngoku makawaxelele esiva naye ukuba uza kuwahlawula imali ethile yaye engafuni ngxoxo ngaloo nto.Ukunyhashwa kwamalungelo abantu abamnyama kubangele ukuba kungabikho mvisiswano phakathi kwabantu abamhlophe bodwa.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa)

**[25]**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! - BB Mkonto**

14.1 Kukuthinjwa kwemfuyo√ / ukubulawa kwabantu√ / nokutshiswa kwemizi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.2 'Zifaka umlilo esikhumbeni sosana, esebhinqa nesendoda ngokungenamkhethe'.√ (1)

14.3 "Akayithandi into embi √ / uyithiyile impalalo-gazi.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.4 A.√ / inqanaba lokujiya kwezinto.√ / A. inqanaba lokujiya kwezinto.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.5 Ndiyangqina kuba uthi uMaqoma "siyohlwaya kuba sifuna ukuba aba baphathi bayo baqiqe."√√ / Kuba uthi "Hayi Tshawe mfondini! Mus' ukwenjenjalo! Yimiphefumlo engenatyala leyo."√√ Utsho ngomlomo wakhe ukuba makungabulawa mntu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

14.6 Yeyabantu abamhlophe abanokuthi bachaphazeleke kuhlaselo.√ / Yeyamajoni kaSomerset neentsapho zawo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.7 Njengomlinganiswa othanda imfazwe.√ / Njengomlinganiswa ogazi liqhumayo.√ / Njengophumasilwe√ / Njengekroti√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.8 Idale imisindo nenzondo ebangele ukuba kubekho iimfazwe.√√ / Idale ubutshaba nentiyo phakathi kwabo. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.9 UKondile njengomntu onolwazi lwentlalo yamaXhosa usebenzise olo lwazi ngokungena ngenkosi uNgqika ukukhupha uMaqoma kumhlaba ame kuwo kuba esazi into yokuba uMaqoma uyamhlonela uyise.√√ (2)

14.10 Njengenkokeli nguye ova kuqala ubushushu.√√ / Njengenkokeli nguye ongumabi wezitya.√√ / Uyindlalifa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.11 Kukuphucwa kwabamnyama imihlaba, imfuyo yabo nokujongelwa phantsi kwenkolo nenkcubeko yabo.√√ (2)

14.12 Ndiyayincoma kuba abefundisi bafundisa inkolo yobuKrestu, bavula izikolo, abantu bafunda ukubhala nokufunda iBhayibhile.√√

OKANYE

Ndiyayigxeka kuba amaXhosa alahlekelwa yimihlaba etyebileyo ahlala kwiindawo eziyimiqwebedu.√√ / Alahlekelwa yinkcubeko yawo kwanemfuyo yawo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.13 Yimvakalelo yomntu osemsindweni, olwayo.√√/ abonakalisa intiyo, inzondo kwisenzo esenziwa ngabamhlophe kwabamnyama.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.14 Abonisa intshukumo nokuqhubekayo eqongeni√ / isimo sentlalo√

(Nayiphi na kwezi) (1)

14.15 Ungembali yesizwe samaXhosa√√ / Ungentlalo yobuKrestu neyamaXhosa.√√ Ungendlela abantu abaNtsundu abahluthwa ngayo imihlaba, baphucwa nenkcubeko yabo ngondlela mnyama.√√

(Nayiphi na kwezi) (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

14.16 UMaqoma uye wahlonipha ilizwi likayise lokuba abayeke abamhlophe aye kuhlala nomntakwabo uTyhali.√√ / USomerset wakhupha incwadi egunyazisa ukuba uMaqoma aphume kuloo mhlaba awayeme kuwo ukuze unikwe amakhoboka phantsi kolawulo lukaKeyile.√√ / Usebenzise ubunkenenkene bempilo kaNgqika ekunqandeni impalalo gazi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

## IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

| **IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE ULWIMI LWASEKHAYA**<br><br>**10 AMANQAKU** | **ULWIMI**<br><br>**Isakhiwo, uthungelwano nokunikezela. Ulwimi ithoni nesimbo ezisetyenzisiweyo kwisincoko** | **Kugqwesile**<br><br>Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile. | **Kuphakamile**<br><br>Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. Izimvo neengcinga zilandeleka lula. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo sihle. | **Kuphakathi**<br><br>Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle. | **Kuyanelisa**<br><br>Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathela-nayo. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka. | **Kuzamekile**<br><br>Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala. | **Kunzima**<br><br>Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala. | **Akaphumelelanga**<br><br>Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Uwimi lufe amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. Ayikho imihlathi nothungelwano. |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO**<br>**Ukutolikwa kwesihloko. Ubunzulu bengxoxo, ukuzixhasa/ ukuzathuza nokunamathela kumxholo.** | | 7<br>80 – 100% | 6<br>70 – 79% | 5<br>60 – 69% | 4<br>50 – 59% | 3<br>40 – 49% | 2<br>30 – 39% | 1<br>0 – 29% |
| **Kugqwesile**<br><br>Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri nomhobe. | 7<br>80 – 100% | 8 – 10 | 7 – 7½ | 7 – 8 | | | | |


Downloaded from eduresourceza.com

| | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Kuphakamile**<br><br>Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kumhobe. Ulwazi lwejenri nomhobe luyancomeka kakhulu. | 6<br>70 – 79% | 7½ – 8½ | 7 – 8 | 6 – 7½ | 6 – 7 | | | |
| **Kuphakathi**<br><br>Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibelelelyo. Ulwazi lwejenri nomhobe luyabonakala. | 5<br>60 – 69% | 7 – 8 | 6½ – 7½ | 6 – 7 | 5½ – 6½ | 5 – 6 | | |
| **Kuyanelisa**<br><br>Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri nomhobe. | 4<br>50 – 59% | | 6 – 7 | 5½ – 6 ½ | 5 – 6 | 4½ – 5½ | 3 – 4 | |


Downloaded from eduresourceza.com

| | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Kuzamekile**<br><br>Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri okanye umhobe. | 3<br>40 – 49% | | | 5 – 6 | 4½ – 5½ | 4 – 5 | 3½ – 4½ | 3 – 4 |
| **Kunzima**<br><br>Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/ nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri nomhobe. | 2<br>30 – 39% | | | | 4 – 5 | 3½ – 4½ | 3 – 4 | 1 – 3½ |
| **Akaphumelelanga**<br><br>Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale jenri nomhobe. | 1<br>0 – 29% | | | | | 3 – 4 | 1 – 3½ | 0 – 3 |

Downloaded from eduresourceza.com

**IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI LWENOVELI NEDRAMA**
**Qaphela umahluko wamanqaku abelwe umxholo nalawoabelwe isakhiwo nolwimi.**

| IIKHOWUDI NOLWABIWO-MANQAKU | | UMXHOLO [15] Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo. | ULWABIWO -MANQAKU | ISAKHIWO NOLWIMI [10] Isakhiwo sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala. |
|---|---|---|---|---|
| | | | | |
| Ikhowudi 7<br>80 – 100% | Kuqwesile<br><br>12 – 15 amanqaku | Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi. | Kuqwesile<br><br>8 – 10 amanqaku | Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile. |
| Ikhowudi 6<br>70 – 79% | Kuphakamile<br><br>10½ – 11½ amanqaku | Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kumhobe. Ulwazi lwejenri nomhobe luyancomeka kakhulu. | Kuphakamile<br><br>7 – 7½ amanqaku | Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. Izimvo neengcinga zilandeleka lula. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo sihle. |
| Ikhowudi 5<br>60 – 69% | Kuphakathi<br><br>9 – 10 amanqaku | Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibelelyo. Ulwazi lwejenri nomhobe luyabonakala. | Kuphakathi<br><br>6 – 6½ amanqaku | Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle. |
| Ikhowudi 4<br>50 – 59% | Kuyanelisa<br><br>7½ – 8½ amanqaku | Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri netekisi. | Kuyanelisa<br><br>5 – 5½ amanqaku | Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka. |
| Ikhowudi 3<br>40 – 49% | Kuzamekile<br><br>6 – 7 amanqaku | Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri netekisi. | Kuzamekile<br><br>4 – 4½ amanqaku | Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala. |

 Downloaded from eduresourceza.com 

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Ikhowudi 2<br>30 – 39% | Kunzima<br><br>4½ – 5½<br>amanqaku | Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri netekisi. | Kunzima<br><br>3 – 3½<br>amanqaku | Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala. |
| Ikhowudi 1<br>0 – 29% | Akaphumelelanga<br><br>0 – 4<br>amanqaku | Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri. | Akuphumelelanga<br><br>0 – 2½<br>amanqaku | Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Uwimi lufe amanqe.<br>Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni.<br><br>Ayikho imihlathi nothungelwano. |


Downloaded from eduresourceza.com